



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2024

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-15.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-50
ICANDELO B:	Imizuzu engama-20
ICANDELO C:	Imizuzu engama-50
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo...

ISICATSHULWA A**ULUTSHA LUYAGQWESA KWEZOSHISHINO**

- 1 UMzantsi Afrika ujongene nengxaki enkulu kwezoqoqosho. Le ngxaki kukunqaba kwamathuba emisebenzi. Loo nto yenza ukuba abantu abaninzi baxhomekeke kwingxowa-mali karhulumente. Ithemba abanalo abemi beli lizwe lelokuba ukwanda kwenani labantu abaziqalela amashishini kungeza nesisombululo. Oko kunganceda abantu abaninzi abangaphangeliyo, ngakumbi ulutsha. Zininzi izinto ezinokutyhafisa ulutsha olunqwenela ukuziqalela amashishini. Umzekelo, lusenokoyika ubunzima bomsebenzi; ukugxekwa nokungafumani nkxaso kwimizamo yalo. Oosomashishini abasele beneminyaka engaphezu kwamashumi amathathu bathi ngokwamava abo akululanga ukuziqalela ishishini. Batsho besithi ubunzima benziwa kukuba, ngaphandle kwesakho sokulawula ishishini, kufuneka umntu abe nonyamezelo nesibindi sokungoyiki ukuqala into entsha. 5
- 2 Bakho abantu abatsha abaye baziqalela amashishini. Baziqalela amashishini kuba bedinwe kukulinda **umngcelele** wabantu abafuna umsebenzi, ongafumanekiyo. Abanye babo bathi sebewufumene umsebenzi bawushiye, bazivulele amashishini. Bewushiya ngenxa yokuba betshiswa ngumdla, luthando nomnqweno wokwenza into entsha ebomini. Umzekelo wabo bantu nguBenedict Mhlongo oneminyaka engama-30. Yena ungusomashishini owashiya umsebenzi kwisibhedlele awayesebenza kuso njengenesi, waziqalela elakhe ishishini lezolimo. Oku ekuqale ngokulima imifuno ekhayeni lakhe ngeenjongo zokuyithengisa. Imifuno yakhe yayithengwa ngabahlali kwiilali ezingqonge iMpumalanga nangamaziko emfundo akwalapho. Namhlanje ishishini lakhe lezolimo libalelwa kumashishini ankqenqkeza phambili eMzantsi Afrika ngenxa yenkxaso ayifumana kumbutho ojongene namafama kweli loMzantsi Afrika. Lo mbutho uncedisa amafama ngokuwanika iingcebiso malunga nesivuno esifuneka ngamandla kwiimakethi zaseMzantsi Afrika ukuze alime ngeenjongo zokuthengisela iivenkile ezinkulu. Zininzi izinto aluncedo ngazo lo kaMhlongo ekuhlaleni kuba uvule iziko lokuqeqesha abafundi kwezolimo kwaye unceda amafama asakhulayo kwiingxaki anazo. Ukuqhuba neendibano zokukhuthaza nabanye abantu ukuba nabo baziqalele awabo amashishini. 15 20 25 30

- 3 Kwakhona, omnye kweli qela lolutsha oluthe lwaziqalela amashishini nguLethabo Mokoena. Naye wakwenza oko akuba eshiye umsebenzi awayewufundele wade wanesidanga. ULethabo uthi wavuleka amehlo mhla wathi ebuya emsebenzini, wafika omnye wabahlobo bakhe owayengasebenzi, emhlambela iiteki. Kwaqala njalo ukukhula komdla wakhe wokuziqalela ishishini lokucoca uhlobo lweeteki ezizi-*sneakers*, walithiya igama lokuba yi*Walk Fresh*. Uthi iingxaki zemali zokuqala ishishini zamenza ukuba ade athengise ifenitshala yendlu kunye neejini zakhe. Emva koko watsho wakwazi ukwenza imali yokubhatala imivuzo yabasebenzi nokuzinzisa ishishini lakhe. Ngaphandle kwengxaki yemali, uLethabo wayenengxaki yokungaxhaswa ngabazali bakhe kwisigqibo sakhe sokuyeka umsebenzi we-ofisi. Babeyibona iyindlalo into yokuqhuba ishishini lokuhlamba iiteki. Watyhala ngesifuba esebenza nzima bade batshintsha abazali bakhe, bamxhasa. Namhlanje eneminyaka engama-32 kuphela, ungumnini weevenkile ezidumileyo e*Sandton* nase*Canal Walk*. Uthi wancedwa yinkxaso-mali awayifumana kwiziko lakwa-*SAB Foundation* ukuba abe ukwizinga akulo ngoku kwezoshishino. Amazwi akhe enkuthazo athi, 'ulutsha maluqine lungavumeli mntu ukuba eme phambi kwamaphupha alo'. Ugxininisa ukuba malungakoyiki ukugxekwa nokungaxhaswa kuba kakade iphupha lilandela umninilo. Uqhuba athi impumelelo yomntu ayisaxhomekekanga kudidi lomsebenzi awuqeshelweyo kule mihla. 35 40 45 50 55
- 4 Omnye onokubalulwa kulutsha nezoshishino nguNompumelelo Kubheka oneminyaka engama-26. Yena wemka eMpumalanga ngenxa yokungafumani nkxaso kokwabo. Wathatha isigqibo sokuya kuziqalela ubomi kwelaseNtshona-Koloni. Uthi wathi efika eKapa wabe ezidibanisa nenkqubo yokuphuhlisa ulutsha i-*FNB Youth Start-up Accelerator*. Kulapho waqeqeshwa, wakhuliswa; watsho wazithemba, womelela. Wade wazivulela elakhe ishishini lokuqeqesha abantu kwezoshishino. Ishishini lakhe walibiza ngokuba yi-*Unprecedented Green*. Namhlanje impumelelo yeshishini lale ntokazi ithe saa kumaqonga onxibelelwano. Loo nto ingqinwa kukunyuka kwenani lezicelo ezivela kumlisela nomthinjana eziya kwi-*Unprecedented Green*. Zicelo ezo izezoqeqesho kwezoshishino. 60 65
- 5 Ngelokuqukumbela, singatsho ukuba impumelelo yamashishini abantu abatsha isukela kumdla, ukuzimisela, unyamezelo nokuzinikela. Oku kuncediswa zizakhono abazifumeneyo zokuwazinzisa amashishini. Lonke uncedo oluthi lufumanike olunjengemali lufikela kumntu otyhala ngesifuba nonganikezeliyo. Ngenene ulutsha luye luqaqamba kwezoshishino! 70

[Sithatyathwe kwinqaku elibhalwe nguCatherine Wijnberg, CEO Fetola, saguqulelwa, saze salungiselelwa uviwo]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Xela ingxaki ojongene nayo uMzantsi Afrika kwezoqoqosho ngokwalo mhlathi. (1)
- 1.1.2 Khankanya zibe MBINI izinto ezixelwe kulo mhlathi, ezinokutyhafisa ulutsha olunqwenela ukuziqalela amashishini. (2)

Jonga kumhlathi 2

- 1.1.3 Lisixelela ntoni igama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi malunga nenani labantu abafuna izithuba zomsebenzi?

Oko bakwenza kuba bedinwe kukulinda **umngcelele** wabantu abafuna umsebenzi, ongafumanekiyo. (2)
- 1.1.4 Chonga amagama amaBINI alandelelanayo kwesi sivakalisi singezantsi, athetha ukuba asingabo bonke abantu abayeka imisebenzi kuba beyokuzivulela amashishini.

Abanye babo bathi naxa sebewufumene umsebenzi bawushiye bazivulele amashishini. (2)
- 1.1.5 Nika isizathu sokuba ishishini likaBenedicter libe kumashishini ankqenqkeza phambili. (2)
- 1.1.6 Khankanya zibe MBINI izinto athe waluncedo ngazo uBenedicter kubantu bendawo ahlala kuyo. (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.1.7 Waqala nini umdla kaLethabo wokuziqalela ishishini lokucoca iiteki? (1)
- 1.1.8 Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa uLethabo watyhala ngesifuba? (2)
- 1.1.9 Xela ukuba wafumana luncedo luni uLethabo kwi-SAB Foundation. (1)
- 1.1.10 Nika amazwi akhuthaza ngawo ulutsha uMokoena ngokwalo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 4

- 1.1.11 Abe luncedo njani amaqonga onxibelelwano kwishishini likaNompumelelo? (2)

1.1.12 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Ibinzana 'kumlisela nomthinjana' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi libhekisa ...

- A kumagqirha namagqirhakazi.
- B kumakhwenkwe namantombazana.
- C kumadoda nabafazi.
- D kumaxhego namaxhegwazana.

(1)

Jonga kumhlathi 5

1.1.13 Sibhekisa koobani isakhi u-si esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi?

'... singatsho ukuba impumelelo yamashishini abantu abatsha isukela kumdlu, ukuzimisela, unyamezelo nokuzinikela.'

(2)

Jonga kwitekisi yonke

1.1.14 Ingaba le tekisi iphumelele ukukukhuthaza ukuba uziqalele elakho ishishini? Xhasa impendulo yakho.

(2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Uthatyathwe ku-www.istockphoto.com]

1.2.1 Kubonakalisa ntoni ukuthwala kukaLuvo olu hlobo lomnqwazi?

(2)

- 1.2.2 Ucinga ukuba uvakalelwa njani uSiphe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.3 Xela injongo yomfoti ngalo mfanekiso. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

ISICATSHULWA C esingezantsi simalunga nezinto ezinokukunceda ukuba ufumane umsebenzi owunqwenelayo.

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale iingongoma eziphambili ezingee-
ngcebiso malunga nezinto ezingakunceda ukuba ufumane umsebenzi
owunqwenelayo.

IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-60.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya kwisi-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

ISICATSHULWA C

UNGAWUFUMANA UMSEBENZI OWUNQWENELAYO!

Abaqeshi bakhangela abasebenzi abanezakhono ezihambelana nesithuba somsebenzi esikhoyo kwinkampani. Ezi zilandelayo ziingcebiso malunga nezinto ezingakunceda ukuba ufumane umsebenzi owunqwenelayo.

Kukho amaziko anamacandelo axhasa abafundi ngokubanika iingcebiso ngeekhariye. Ndwendwela amaziko acebisa ngeekhariye ucele ukuxhotyiswa ngolwazi malunga nomsebenzi owunqwenelayo. Ngaloo ndlela wofumana ulwazi oluphangaleleyo malunga nomsebenzi onomdla kuwo.

Wukhangele umsebenzi onqwenela ukuqeshwa kuwo ngoku usengumfundi. Oku kuluncedo kuba ufumana ithuba lokuziqhelanisa nomsebenzi onomdla kuwo, nosele ukhe wachitha ixesha ufumana ulwazi ngawo.

Qinisekisa ukuba uhamba imisitho engemiba yeekhariye ezahlukileyo. Oko kwakukudibanisa nabantu abakhangela abasebenzi abatsha. Imisitho elolu hlobo ikwakudibanisa nabantu abanjengawe abasakhangela imisebenzi, nitsho nicebisane ngeengxaki enihlangabezana nazo.

Gcina ulwazi nezakhono onazo ngodidi lomsebenzi owufunayo zikwizinga eliphezulu. Ngaloo ndlela ungagqwesa kwiqela oza kukhuphisana nalo. Khumbula ukuba baza kube bebaninzi abantu abaza kube besijongile isithuba eso nawe usifunayo.

Hlala usenza uphando malunga neenkampani onomnqweno wokusebenza kuzo. Oku kuza kukuxhobisa ngolwazi oludingayo nolubalulekileyo malunga neenkqubo zazo ezinokuba luncedo xa unokufumana umsebenzi kuzo.

Hlala uxhobile ngokuphatha ikopi yesivi yakho kuyo yonke imisitho oya kuyo. Ngolo hlobo kuya kuba lula ukuba unike abakhangeli babasebenzi isivi nangawuphi na umzuzu. Akuyi kuzisola ngokwenza oko.

Qala ngokuvolontiya, unikele ngexesha namandla akho kwinkampani oyikhethileyo. Ngolo hlobo uya kuthi ufumane amava ahambelana nomsebenzi onqwenela ukuwenza ngenxa yokuvolontiya.

Njengoko amathuba engqesho esihla ngokuhla elizweni jikelele, kubalulekile ukuba uzilungiselele ngokuzithathela ingqalelo ezi ngcebiso uzinikwayo. Ngokwenza oko ungazibona ukwiqela labantu abathathwayo kwisithuba somsebenzi esinokuthi sivele.

[Sithatyathwe ku-www.pirelli.com, saza saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D

MEDICAL CARE

SIBEK' IMPILO YAKHO PHAMBILI!

Iinkonzo zethu zezi:

- Ukuxilonga igazi.
- Ikliniki yama-24/7.
- Ukuxilongwa ziincutshe zoogqirha.

Tsala umnxeba namhlanje!
021 554 6785
www.healthcare.com

Ama-20% esaphulelo.

Oogqirha bahlala bekho.

[Sithatyathwe ku-www.bing.com, saguqulelwa, saza sahlelwa]

- 3.1 Xela igama lenkampani enikezela ngale nkondo ikwesi sibhengezo-ntengiso. (1)
- 3.2 Nika izinto zibe MBINI azisebenzisileyo umthengisi ukuloba abathengi. (2)
- 3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Inkcaza, 'iincutshe zoogqirha' ithetha ukuba oogqirha ... kumsebenzi wabo.
A bayalala
B bayasilela
C bayagqwesa
D bayoyiswa (1)
- 3.4 Lusixeleva ntoni ngeli ziko ulwazi oluthi '24/7' olukwisibhengezo? (2)
- 3.5 Nika isilogani sesi sibhengezo-ntengiso. (1)
- 3.6 Chonga igama elisetyenziselwe ukubonisa ukuba impilo yomthengi ixatyisiwe kweli ziko. (1)
- 3.7 Ingaba uncumo lukagqirha osemfanekisweni lungamenza ukuba umthengi ayithembe isevisi yeli ziko? Xhasa impendulo yakho. (2)

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E



[Ithatyathwe ku-www.@BrianCrane yaguqulelwa, yalungiselelwa uviwo]

- 4.1 Xela igama lomzobi wale khathuni. (1)
- 4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Abalinganiswa abakule khathuni (bayacinga/bayathetha). Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Isikhuzo, 'Hay'bo!' esisetyenziswe kwintetho kaJill sibonakalisa ukuba ...
- A wonwabile.
B wothukile.
C uyoyika.
D uxolile. (1)
- 4.4 Izisa ngcinga ni ngoGray indlela ahleli ngayo esitulweni? (2)

- 4.5 Cacisa ukuba isigqebelo sisetyenziswe njani kule khathuni. (2)
- 4.6 Ingaba uyavumelana noluvo lukaJill lokuba umvuzo ophezulu uxhomekeke kumava anawo umntu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]**

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

Qaphela, kwesi sicutshulwa kukho amagama apelwe gwenxa ngabom.

ISICATSHULWA F

IMPUMELELO ISENTABENI

Indlela eya empumelelweni ayilulanga njengoko becinga abantu abaninzi abafuna ukuziqalela amashishini. Kubalulekile ukuba phambi kokulithatha eli hambo, kufuneka umntu azigoca-goce ezikhangela ukuba uza kumelana kusini na nemiqobo aza kudibana nayo. Kufuneka ayijonge kakuhle imeko yezoqoqosho aze asebenzise naliphi ithuba elivelayo ukutsiba ngaphaya kweengxaki ajamelene nazo. Imeko yezoshishino isoloko iguqu-guquka. Yiyo loo nto kunyanzeleka ukuba oosomashishini nabo bahlale bezilindele iinguqu. Xa uzimisele ukuba ngusomashishini kwiminyaka ezayo, yazi ukuba olo hambo luza kukuvavanya ngendlela ongenakuyiqikelela. Ngumonde nokuzimisela okuya kukubeka kumanqwanqwa apheyizulu kwezoshishino. 5 10

[Sithatyathwe ku-www.chatgpt, saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

5.1.1 Khetha isilanduli kwisivakalisi esingezantsi.

Indlela eya empumelelweni ayilulanga njengoko becinga abantu ... (1)

5.1.2 Lungisa iziphene zolwimi kwesi sivakalisi singezantsi.

Kubalulekile ukuba phambi kokulithatha eli hambo uzilungiselele. (2)

5.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi lisisihlomelo ...

Kufuneka ayijonge **kakuhle** imeko yezoqoqosho ...

- A sendawo.
- B sexesha.
- C sobunjani.
- D sobungakanani. (1)

5.1.4 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo, isenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi sibe kwimo yesixando sokwenzeka.

Ishishini liyagqalwa nokuba akukho nkxaso-mali. (2)

5.1.5 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esilandelayo.

Imeko yezoshishino isoloko iguquka. (1)

- 5.1.6 Yakha isenzi ngegama, 'usomashishini' uze usisebenzise kwisivakalisi esichanekileyo. Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:
- (a) Isenzi
 - (b) Isivakalisi (2)
- 5.1.7 Nika umsebenzi wegama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi.
- Kulula ukuqala ishishini **kodwa** luhambo olude olo. (2)
- 5.1.8 Bhala kwakhona esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo evumayo.
- Ukusebenza nzima akuncedi xa ungenawo umonde. (2)
- 5.1.9 Lungisa isiphene sopelo esifumaneka kwisivakalisi esingezantsi.
- Oku kuya kukubeka kumanqwawqwa apheyizulu kwezoshishino. (1)

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G: UMFANEKISO



[Uthatyathwe ku-www.freepik.com waze walungiselelwa uviwo]

- 5.2.1 Guqula isivakalisi esingezantsi sibe ngumyalelo.
Ndisebenza elabhoratri. (2)
- 5.2.2 Bhala kwakhona isivakalisi esingezantsi sibe kwixesha elidlulileyo.
Ndiza kufundela ukuba ngumvelisi wamachiza. (2)
- 5.2.3 Qala esi sivakalisi silandelayo ngolu hlobo:
Amachiza ...
Ndiza kuvelisa amachiza okunyanga izifo. (2)
- [20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80